

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYETHUPA
2018

UMBONA – khumbula oku malunga noAgasti noSeptemba



Kweli nqaku ndinqwenela ukunika inkcazo ngemisebenzi yolawulo ebalulekileyo embalwa nefanele ukukhunjulwa malunga nokulinywa kombona.

Njengomlimi wombona ufanele ukuba nenjongo yokuvuna esona sivuno siphezulu sinokufumaneka nesisemgangathweni ongowona uphezulu unokufumaneka. Oku akwenzeki lula njengoko iminanzi imingeni ekufanele kujongwane nayo ebudenibonyaka. Kodwa ke akhona amacebo olawulo angenabugocigoci ambalwa onokuwasebenzisa ukuze le njongo iphunyezwe.

Okufanele ukwenziwa ngoAgasti

Abalimi abaninzi basekwinkqubo yokuvuna isityalo sabo ngeli xesha. Ixesha lokuvuna lifanele ukufika namava awonabisayo njengoko sukuba umntu evuna iziqhamo zomsebenzi wakhe. Ukuba, na ngona kunjalo wena khange usebenze ngokuzimisela ngexesha lokukhula kwezityalo, ngelishwa akusayi kuba mnandi kuwe.

Ubukhulu becalo akukho nto ingako inokwenziwa ukuphucula isityalo sakho okanye ukwandisa isivuno sakho. Kodwa ke ziliqela izinto wena njengomlimi onolawulo phezu kwazo kweli xesha nezinokuphucula umgangatho weenkozoeziqukuqela zingena kwiinqwelo ezirhuqwayo nasezingxoweni kanti kungenzeka kulawulekenoko nobukhulu bezixa.

- Okokuqala phambi kwako konke, qinisekisa ukuba umbona wakho unesiqualatho esichanelekileyo sokufuma phambi kokuba uqalise ngokuvuna. Thatha iisampulu ezimbawphaambi kokuqalisu ukuze uvavanye isiqu-latho sokufuma. Okuqhelekileyo kukuba iinkozo ziyakwamkeleka ukuze zilondolozwe xa isiqu-latho sokufuma singu 14% okanye ngaphantsi koko. Oku kunokwahluka ukususela kwindawo ethile ukuya

Imazini yakwaGrain SA
yophuhliso Iwabavelisi

Bala moteng:

04 Ndisebenzise imali yangaphandle okanye akunjalo?

05 Dibana nabatyunja bethu bango-2018 bomLimi woNyaka (Icandelo 2)





UMAKHULU UJANE UTHI...

Umsebenzi wokufama usoloko ungumkhumbuzi we-sangqa nomjikelo wobomi – akukudalanga ugqibile ukuvuna kodwa ngoku wenza ucwangcisel o lwe-xsha elitsa lokulima.

Ngonyaka ngamnye siphinda sijalise futhi siba nethemba lokuzuza isityalo esihle – njengabalimi asinakulahla ithemb a kuba yinkolo yethu ukuba kwixesha elizayo lokulima siya kukwazi ukondla ihlabathi.

Sekuyiminyaka eminzi ngoku, sizama ukuncedisa abalimi abakhulu ukuba bafikelele kwimali-mboleko yokulima. Kusengumgeni omkhulu ngenxa yokuba iinzuso ezifumanekayo ekulinyweni kweenkozo phantsi kweemeko zemihlabay eyomileyo enyanisweni azikho phezulu kakhulu. Omnye umngeni kukuba abalimi abanazithayitile zomhlaba ngoko ke abakwazi kumisa ngomhlaba ukuze bafumane ukhuselo lwemali-mboleko. Nangona oku kuyingxaki xa kuthethwa ngomba wemali-mboleko kufuneka sihlale sikhumbula ukuba xa umise ngefama yakho njengokhuselo lwemali-mboleko uze ungakwazi ukubuyisa imali yetyala lakho, ibhanki iya kuthatha ifama yakho iye iyithengise ukuze ifumane imali oyikwelita yona.

Le ngxoxo isibuyisela emva kwisiseko sawo nawuphi umsebenzi wokufama esiyinjongo yokwenza inzuso. Siya kuthi ukuze sikwazi ukululondoloza umsebenzi wokufama sikwazi ukwenza inzuso unyaka nonyaka – sifanele ukuba nento esiyifumanyo kwisityalo kuneendleko zokulima isityalo.

Kumaxesha akutshanje, kubekho uxinzelelo lwenzuso yeenkonzo nokulima iisiriyeli kanti kufuneka sicinge nzulu ngezityalo esinokuzilima kwiindawo ezaahluka-hlukileyo. Kuyimfuneko ukuba isixa esipheleleyo seendleko zokulima isityalo ngehektare nganye – ukuze ufumanise isivuno esiqhelekileyo okwaziyo ukufumana kweso sityalo kuloo ndawo uze usiphinda-phinde ngexabiso elixhaphakileyo. Ukuba iindleko zakho zingaphezu kwengeniso olindele ukuyifaka, ngoko ke mhlawumbi ungazama nezinye izityalo. Akukho bulumko ekulimeni isityalo xa ulahkelwa.

Kwiihdawo ezithile ezinemvula encinane, aphi imihlabay isidi-bi khona, usenokungawazi ukulima sityalo esikufakela inzuso ukuze kufuneka ukuba wandise imfuyo yakho ngokunjalo ulime nezityalo zokondla imfuyo. Oku kudinga uhlolo lwefama yakho kanye nendawo aphi wenza khona umsebenzi wokufama.

Kwiziganeko ezininzi, iibhanki zikhaba isicelo semali-mboleko yokulima kuba zibona ukuba akusayi kufumana nzuso. Asifanelanga kuqumbela iibhanki siziyyhole ngokungafuni ukusinceda – enyanisweni ziyasincedisa ekubeni sicinge ngokutsha ngezityalo esifanele ukuzilima. Nazo ziayafuna ukukubona uphumelela. Kufuneka siqiniseke ngokupheleleyo ukuba siya kukwazi ukufumana inzuso – kungenjalo asisyayi kukwazi ukuhuba ngokufama kwithuba elide. Kumnandi ukufumana ubonelelo-mali lukaRhumemente, kodwa siyazi ukuba ezi zibonelelo-mali azinakuhuba unaphakade njengoko kungekho mali yaneleyo yokuhlangabeza zonke izidingo zabo bonke abantu. Sifanele ukukwazi ukwenza inzuso ngaphandle koncedo lwezibonelelo-mali.

Qhuba ngokusebenza nzima ude ubone ubuhle beziphumo zomsebenzi wakho!

UMBONA – khumbula oku malunga noAgasti noSeptemba

kwenye ngokuxhomekeka kwindawo yentengiso nakwizibonelelo zendawo ekulondolozwa kuyo. Ezinye izibonelelo ekulondolozwa kuzo iinkonzo zineendawo zokomisa aphi umbona wakho unokomiswa khona ngentlawulo eyongezelweleyo. Okuqhelekileyo kukutsalwa kweendleko kwixabiso olifumanayo.

- Qiniseka ukuba umatshini wakho wokuvuna ubhula usebenza ngokuchanekileyo ukuze ungonakalisi iinkozo. Oku unokukuwalasela ngokujonga iisefu nangokuqinisekisa ukuba yonke into imi endaweni yayo echanekileyo.
- Qiniseka ukuba iinkozo azaphuki ngokuthi umisele izibhexeshi ngokuchanekileyo. Xa zininzi iinkozo eziqhekekileyo oko kuthetha ukuba uya kwetha umgangatho

weenkozo zakho. Ukuba zininzi kakhulu iinkozo eziqhekekileyo kwisampulu oko kuthetha ukuba umatshini umiselwe kwibanga elibhexesa ngamandla ngoko ke ufanele ukuhlengahlengiswa.

- Ziphephe iiindawo ezifuthaniselwe lukhula olusembewini endaweni yoko vuna ngezandal kwezi ndawo okanye zigcinele isondlo sezilwanya. Inini imbewu elolo hloba enokungena kwisampulu yeenkozo ukuze ithobe umgangatho weenkozo zakho. Indawo yentengiso othengisa kuyo isenakho ukwala ukwamkela umbona wakho onjalo okanye inokukucela ukuba ukhe uwuhluze kwakhona kanti oko kutya ixesha nemali yakho.
- Qiniseka ukuba umqhubi wakho uqequesheke kakuhle. Nokuba nisebenzia itrektara etsala umatshini woku-



Zihlole ngokupheleleyo izixhobo zakho emva kwexesha lokuvuna. Phambi kokuba nayiphi na into ibekwe elugcinweni qiniseka ukuba uyayihola uqinisekise ukuba icocékile kwaye ilondololozwa ikwimeko elungileyo yokusebenza.



Qaphela xa uvuna kwindawo enokhula oluninzi oluseyimbewu uze ezo ndawo uzivune ngesandla nokuba uzigcinela isondlo sezilwanyana. Uninzi lwale mbewu lungangena kwisampulu yeenkozo luze luwuthobe kakhulu umgangatho weenkozo zakho.



vuna ubhula okanye ngumatshini oziqhabay, kubalulekile ukuba wena okanye umqhubi wakho niwuqhele umatshini osetyenziswayo. Umqhubi ongaqeinqeshwanga angakhokelela kwilahleko yeetonu ezininzi ngenxa yokonakaliswa kukunyathelwa nangenxa yentloko engamiselwanga kakuhle.

- Okokugqibela qiniseka ukuba bonke oovimba beenkozo zakho kune nezixhobo zokulungisa iinkozo zikwimeko elungileyo. Ukuba kukho izikhewu phakathi kweephaneli okanye imingxuma enerusi ezintsimbini, uya konakalelwa kakhu. Nokuba kukho iindawana ezipuzay qinisekisa ukuba ziyalatshwa zivaleke kakuhle. lintwana-ntwanana ziphelele zidibana zibe kokuthile.

Okufanele ukwenziwa ngoSeptemba

Kungoku nje ufanele ukuba sowuggibe konke ukuvuna kwakho. Siza kulinda iimvula zokuqala zentlakohlaza siphinde kwakhona silungele ixesha elizayo lokulima. Inyanga kaSeptemba ifanele ukuba lixesha lokwenza ucwangciselu namalungiselelo ngokunjalo abe lixesha lokubuka ixesha eligqithileyo lokuvuna nelokubona iindlela ezinokusetyenziswa ukuphucula ixesha elizayo.

- Yenza uhlolo olupheleleyo lwezixhobo zakho emva kwexesha lokuvuna. Phambi kokuba kubekwe nantoni kulondolozo qiniseka ukuba konke kucoekile kwaye kugcina kukwimeko elungileyo yokusebenza.
- Yenza uhlolo Iwemali Iwemeko yeshishini lakho emva kokuvuna.
- Bhala phantsi uhlahlo-mali Iwexesha elizayo ngokunjalo wenze amalungiselelo ayimfuneko

okufikelela kwimali yokuphinda uqalise ulime kwakhona kulo nyaka.

- Yenza isiggibo malunga nokuba zeziphi izityalo oza kuzilima kwawaphi amasimi wandule ukuzoba imephu oza kuyilandela.
- Qalisa ucwangciselu Iwakho Iwexesha elizayo ngokubhala uludwe lwezinto ezibalulekileyo ofanele ukuzenza:
 - Odola iimveliso zamalungiselelo;
 - Qwalasela isixhobo sokutshiza;
 - Qwalasela isixhobo sokutyalu uze ufake iodolo yawo nawaphi amalungu afunekayo;
 - Thatha iisampulu zomhlabu;
 - Qalisa ngokulungisa umhlabu;
 - Qwalasela iitrektrara wenze neenkonzo kuzo ukuba kukho imfuneko;
 - Lungisa igumbi leekhemikhali; kananjalo
 - Qiniseka ukuba indawo yokulondoloza imbewu nesichumiso ikhuselekile, icocekile kwaye yomile.

Ukuba ngumlimi kuphathelele ekuphutwyeni kwe-siqhelo ngendlela efanelekileyo. Ufanele ukuphuhisa inkubo yocwangciselu ekusebenzelayo wena njengomtu uze uthi wakuba uyifumene inkubo ekusebenzelayo, unamathele kuyo. Yonke into yenzelwa ukuphucula isimo. Ukuba wenza ilinge lokuphumeza isishini elisebenza kakuhle ngokujinisekileyo uya kubona iziphumo ezhile lakufika ixesha lokuvuna.

*Inqaku linikelwe nguGavin Mathews,
oneMfundu yesiDanga kuLawulo loBume
obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe
thumela i-imeyili apha: gavmat@gmail.com.*



Ndisebenzise IMALI YANGAPHANDLE OKANYE AKUNJALO?

Xa umisela ishishini lokufama, umthombo wokuqala owudingayo yinkunzi yokuqalisa ishishini – yimali ke leyo. Imali iyadingeka ukuze ithenge umhlabo, izixhobo zokusebenza, oomatshini, imfuyo njalo njalo.

Ubungakanani bemali eyinkunzi oza kuyidinga buya kuxhomekeka kubukhulu befama, kuhlobo lwefama oza kusebenza kuyo, kwindawo nkweminye imibandela eliqela.

Emva kokumisela ishishini lakho usadinga enye imali yeshishini yokuqhoba umsebenzi wayo yonke imihla. Oko kuthetha ukuba udinga imali enini okanye imali yeshishini njengoko isaziwa. Abo sebengenile emsebenzini wokufama baya kuvuma, ukuthi lo msebenzi leliney ishishini elineendleko eziphezulu kwiindleko zamashishini aqhyutwayo.

Kukho umbuzo ovelayo, ndiza kuyifumana phi imali yokuqalisa ishishini? Ngokubanzi mibini imithombo ephambili yemali yeshishini. Owokuqala – uza nemali yakho yokuqalisa ishishini, okanye okwesibini, uayiboleka imali yeshishini, kwigela lesithathu (komnye umntu okanye kwishishini). Imali yeshishini yejaloo

mntu ifunyenwe kuye yiloo nto kude kuthiwe yimali yangaphandle. Oku kukunyanzelisa ukuba uyibuyise imali yeshishini oyibolekileyo.

Imithombo yemali yeshishini isenokuba yimali yakho ozimisele ukuyifaka kwishishini lakho ukwenzela ukuqalisa ishishini okanye ukwenzela imali yokuqhoba ishishini. Okughelekileyo kukuba lakuba limile ishishini lakho ngamanye amazwi liqhuba kuye kufuneke ukuba libe nemali ebalwa ngokonyaka ngamnye. Inye indlela yokuba ishishini lakho libe nayo imali ebalwa ngonyaka ngamnye kuxa lingenisa inzuzo. Khumbula umbuzo osisiseko uthi – kungani ndiqhuba ishishini elilelam? Impendulo ithi kukufumana (inzuzo).

Ngelishwa, ishishini lokufama nokuba likhulu kangakanani, lidinga imali enini eyinkunzi yokulikalisa ukuze kufuneke imali yalo yokuliqhuba ngokunjalo mhlawumbi nemali yokulikhulisa ishishini lakho. Ngoko ke, abalimi nokuba bancinane okanye bakhulu, ubukhulu becalabaye badinge imali yangaphandle.

Njengoko sekutshivo, ukuboleka imali ngaphandle kuthetha ukuba imali leyo yeshishini ifanele ukubuyiswa seyidibene nezinye iindleko – inzala. Iqela lesithathu ekubolekwe kulo imali yeshishini lifanele ukubuyekezwu ngomngcipheko eliwuthathileyo wokuboleka wena imali. Ngoko ke, ukubuyisa imali kudibana imali yeshishini kune nenzala. Indleko zembuyiselo (inzala inciphisa inzuzo yakho ude uyihlawule iphelele imali yembuyiselo, inesiphamo esibi kwimeko yakho yomqukuqelo wemali.

Ngoko ke, umbuzo wokuba ingaba umntu ufanele ukusebenzisa imali yangaphandle okanye angenzi njalo, ubalulekile. Impendulo esisiseko ithi – musa ukusebenzisa imali yangaphandle, ineendleko eziphezulu kwaye ikubeka emngciphekwani. Kwinqaku

elingaphambili senze isiggibo sokuba italya elilelona lithembekileyo lelemali esesandleni. Nangona kunjalo, sonke siyazi ngokwamava ethu ukuba, maxa wambi sifanele ukuboleka imali ukuze sigcine ishishini lisebenza.

Khumbula umthetho-siseko wokuba nayiphi into oyithenge ngemali yangaphandle yepeqela lesithathu ide ihlawulwe yonke imali yeshishini ebolekiweyo. Ukuba kuthe kwenzeka ukuba usilele ekuhlawuleni imali oyibolekileyo, impahla yakho/izitalo zisenokuthinjwa.

Ukwenza isiggibo sokuboleka imali kudinga ulawulo Iwakho olucoselelweyo, noluqala ngokwenziva kocwangciso. Imiba yokuqala efuna uqwalaselo kukuba

ingaba enyanisweni uayaidinga na imali-mboleko, kwaye uya kukwazi na ukubuyisa imali kune neendleko ezifakelwayo. Inye indlela yokuphendula lo mbuzo kukuhlanganisela inkcazo yemali eyikheshi equkuqelayo. Inkcazo yemali eyikheshi equkuqelayo iya kuphinda ikuncede xa usenza isigqibo xa uboleka imali okanye xa kukho ezinye iindlela zokongamela isidingo semali yeshishini.

Siyakwazi ukuba ukwenza isicwangciso nokuhlanganisela inkcazo yemali eyikheshi equkuqelayo kwimo yokufama kunzima kakhulu ngenxa yemibandela engaphaya kolawulo lwethu. Imeko efana nembaleta, ubukho bomkhuhlane weentaka kanti mva nje bekukho ne-listerioses echaphazele abafuyi beehagu. Kodwa nasiphi isicwangciso si-phucuke ngaphezu kokungenzi sicwangciso.

Inxenyeyocwangciso Iwakho nokwenza ulungiselelo idinga zonke iinkcukacha ukusuela kumaziko oncedo Iwemali akuthakazelelayo ukukunika imali-mboleko. Zithini iimeko zawo ziphelele malunga nokhuseleko, ithuba lokubuyiswa kwemali, izixa zokufakwa kwenzala neminye imiba? Kuya kudingeka ukhuseleko, ekunokuba bhetele xa ingumhlabo kodwa nenyemimpahla inokuqwalaselwa. Sikholisa ukuba abalimi abalima kancinane behkalazela oku. Amaziko oncedo Iwemali aya kukuthakazelela ukukunika imali xaukwazi ukuwabonisa ubungqina bokuba ishishini lakho lifaka inzuzo. Ngelishwa, abanye babalimi abalima kancinane bayoyiswa ukulawula amashishini abo ngendlela efanelekileyo bade bangabi nazozneengxelo ezifanelekileyo.

Xa ufumene imali-mboleko, inxenyeyempumezo yale meko kukuyibuya kuselicesha. Xa usoyiswa kukuyibuya, khawuleza uxoxe ngale ngxaki nomboneleli wenkonzo njengendlela yakho yokulawula imeko. Umlimi obonisa ukuba uyaluthwala uxanduva Iwakhe lokuhlawula abo abakwelita imali, uzakhela igama elihle lokunika ityala. Oku kuthetha ukuba uyiklayenti yomngcipheko ophantsi nolisebenzisa kakuhle itala ukuze aqhube ishishini lakhe.

Ngoko ke, ukusebenzisa imali ebolekwe ngaphandle ngumnthwalo onomngcipheko, yiloo nto kudinga uqwalaselo olonzulu. Kodwa njengomlimi userokungabi nakwenza ngakumbi ngaphandle kokusebenzisa imali yeshishini ebolekwe ngaphandle – kodwa kwenze oko ngenkathalo.



Athikele e kwadilwe ke Marius Greyling, mokwadi wa Pula Invula. Fa o tlhoka kitso gape, o ka romela emeile go mariusg@mccacc.co.za.

Dibana nabatyunjwa BETHU BANGO-2018

BOMLIMI WONYAKA (Icandelo 2)

Sekuphinde kwafika elo xesha lonyaka lemincili lokuchongwa kwabatyunjwa bango-2018 bokhutshiswano lomLimi woNyaka IwaseGrain SA.

Makusoloko kukhunjulwa ukuba eyona njongo iphambili yolu khutshiswano ayikho malunga nokuwina, kodwa iphathelele ekubhiyozeni ukufunda, ukukhula, ukuphuhla nokusebenza

nzima kwamawaka abalimi kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi.

Injongo yalo kukuba yintsika yenkuthazo nemvuselelo kuthi sonke ukuze sisoloko sisebenzela ukuziphucula kwimpumezo yemigqaliselo yethu, kungakhathalseki ukuba mikhulu kangakanani na. Injongo yakho mayingaze ibe kukutyunjwa okanye kukuwina nantoni na, kodwa mayibe kukulkhula kwayo yonke imihla, ngenyanga nganye nangonyaka

ngamnye ukuya ngokusondela kufikelelo lwezivuno, ukufumaneka kwenzuso, isakhono sokusebenza okanye nokuba yeyiphi imigqaliselo ozimisele yona wena nosapho lwakho. Ekuggibeleni, oko kukuwina!

Ukuba utyunjelwe olu khutshiswano, ikhona into oyenza kakuhle kwaye ungumzekelo omhle kwabanye malunga nokunokuzuwa, Ngalo ma-zwi, sinqwenela ukwazisa abatyunjwa bango-2018 bomLimi woNyaka!

Ngokunjalo abatyunjwa bethu naba...



Abatyunjwa abaneSakhono seNew Era



UAnton noPresident Mabaso

UAnton noPresident Mabaso bazalelwaa efama, iKrytfontein kwiNgingqi yaseBothaville. UAnton ngowomhla wama-20 ku-Februwari ngo-1966 kanti uPresident ngowomhla wesi-7 kuJulayi ngo-1970. Bobabini abazali babo babengabasebenzi basefama kwaye babenabantwana abalishumi elinanye – amakhwenkwe amabini namantombazana alithoba. Omabini la makhwenkwe ayesoloko enomdla onzulu kwezolimo.

Ukususela ngo-2010, bakwazi ukufuma-na amasimi kuMasipala waseBothaville kanti banombulelo omkhulu xa bewujongile lo mhlabo njengoko kungelulanga

ukufumana umhlaba eBothaville kuba umhlaba walapho ukufanele kakhulu ukulinhya kwezityalo, kanti futhi nexabiso lawo liphezulu kakhulu.

Ngo-2007, oonyana bomntu bangenya kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi. Baye kwiintlanaganiso ezininzi zamaqela ofundonzulu, iiintsuku zokwabelana ngolwazi nakwizifundo zoqequesho. Abakwa Grain SA nabo baye baqalisu ukubatyelela emasimini abo. Bazine bexhotiyisa ngamandla baze bakulungela ukufama nabo kanti kwiminyaka edlu-lileyo emithathu ukuya kwemine, baqhubele phambili ukususela kwibanga lokulimela ukuziphilisa ukuya kwisakho-no sokuba ngabalingwa abarhwebayo.

Dibana nabatyunjwa bethu bango-2018 bomLimi woNyaka (Icandelo 2)



UPaulus Mosia

UPaulus wazalwa ngomhla wama-22 kuSeptemba ngo-1968 kwifama iVryheid kwiNgingqi yaseEdenville. Wayengowesithandathu ebantwaneni abalishumi (amakhwenkwe amathandathu namantombazana amane). Ngowama-2007, ujoyine iNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi waze ngo-2008, wanikwa ifama iiSterkwater yiDRDLR kwiNkqubo yePLAS.

I-Sterkwater singangeehektare ezingama-200 ziphelele, iihektare ezingama-60 ziyalimka ukuze iihektare eziyi-140 zibe zezokutysa impahla. UPaulus lilungu eliquuzelayo leQela loFundonzulu iEdenville. Bobabini yena nenkosikazi yakhe, uNomasono, sebeye kwiintlanganiso ezininzi zeqela lufundonzulu, kwiintsuku zokwabelana ngolwazi nakwizifundo zoqequesho. UNomasonto ube nenxaxheba ekusungulweni kwegela lufundonzulu elitsha iHeilbron, ngoku eliyinxalenye yeNkqubo yeGrain SA. Bobabini batsho ngokucacileyo ukuba iNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi itshtintshe ubomi babo.

Abatyunjwa abaRhwebayo beNew Era



URykie Raphoto

URykie wazalwa kwilali yaseRietfontein kwimihlaba ye-trust yangoko kwakuseBophuthatswana. Uthe esesesikolweni kwafuneka ukuba ancedise uyise ngokulima, ukutyalu nokujonga konke kwishishini labo elitsha lokufama. Ukusebenza noyise ngethuba leeholide zesikolo kube nefuthe elikhulu kakhulu kuthando lokufama awasuka waba nalo.

Ngowe-1991 uRykie wenza isiggibo sokufama ngokwakhe nonyana wakhe, uWilliam, owayemncedisa ngomsebenzi wokufama.

Bangena kwiGrain SA kwixesha lokuqlisa kwe-Nkqubo yoPhuhliso IwabaLimi. Emva kokuzabalaza ithuba elide bafumana ifama, ekuthiwa yiLareystryd, kufuphi neLichtenburg kwiPhondo laseMntla Ntshona ngenkqubo yeSebe leNguquko kwezoMhlaba apho basafama khona nangoku.



UJeremia Makhosini Mathebula

UJeremia wazalwa ngomhla we-14 kuSeptemba ngo-1979. Wakhulela kwisiphaluka saselswepe kufuphi nePiet Retief kwifama ye-estate yelngwempisi aphi wayekholisa ukuncedisa khona uyise ngokulima umbona kwisiqwengana esincinane somhlaba. Utata wakhe wayedla ngokulima ihektare e-1 yombona enawo nomhlambi weenkomo ezilishumi elinesibini emhabeni odityanelwego.

Indawo aqalise kuyo uJeremia emsebenzini wakhe awuqequeshelwego kwaba ngowama-2009 xa wayefuye iinkomo ezilishumi elinesibini ngokunjalo elima iihektare ezingama-40 kuhela zomhlaba olimekayo aphi wayezuza kuhela iitoni ezi-4 kuhela zombona ngehektare. Ngoku ufuye ngaphezu kwama-400 eenkomo zobisi kanti ulima iihektare ezingama-450 zombona ziphelele kunya neehektare ezili-100 zeemboti zesoya. Le fama ibonise ukukhula okwenzeka ngonyaka ngamnye Kanye uphindha arente nezinye iifama ukuze akwazi ukulima umbona othe chatha. Kanti naye ukhulile njengomlimi ozimeleyo njengoko ezenzela wonke umsebenzi ngokwakhe futhi esiya ngokuqhubela phambili kangangoko.



UPaul Malindi

Ukulima bekusoloko kusegazini lika Paul. Wazalwa ngomhla wama-21 kuJuni ngo-1969 kwifama ekwinginqi yeHeilbron apha abazali bakhe bobabini babengabasebenzi basefama. Babengabantwana abasixhenxe – amakhwenkwe amane namantombazana amathathu. Uyise wayefuye iinkomo efama apha wayesebenza khona kwaye uPaul wayezalusa.

Uthe akufumana ithuba lokuqesha amanye amasimi komnye umlimi womntu omnyama wakhawuleza wakwenza oko. Ngo-2012, wanika ifama, iDankbaar, yiDRDLR ngokwenkubo ekuthiwa yiPLAS. Ifama leyo ngama-441 eehektaare iphelele apha ama-320 eehektaare ingumhlaba olimekayo zize iihek-tare ezili-121 zibe zezokutyisa impahla. UPaul oneminyaka engama-48 ngoku, uquesha iihektaare ezili-130 zomhlaba oli-mekayo kune neehektare eziyi-170 zokutyisa impahla. Kulo nyaka ulime iihektaare ezingama-254 zoojongilanga neehek-tare ezingama-216 zombona.



UDaniel Maqala

UDaniel wazalelwa efama kwisiphaluka saseFicksburg ngabazali ababengabasebenzi basefama bobabini. Babengabantwana abane – amakhwenkwe amabini namantombazana amabini. Waqhela ukusebenza efama eselula kakhulu, esaluswa umhlambi, esenga iirkomo ondle neenkukhu. Uyise wayeqhuba itrektara kanti yena wayedla ngokuchwechwa ukuphuma kwesikolo akhwele kuyo noyise.

Lo mlimi uthenge ifama eyeyakhe yeehektaare ezili-197, iKosmos, ngemali-mboleko yaselLand Bank. I-DRDLR imxhase ngeDie Hoop kwinkqubo yePLAS – yeehektaare ezingama-326 kanti ukususela ngoko uquesha iihektaare ezili-186 zamasimi anesakhono esiphezulu kufuphi kwifama yakhe. UDaniel ngoku ufama kwihektaare ezingama-709. Onke amasimi alinywe kakuhle kwaye atyalwe kakuhle ngoku utshintshile ekubeni ngumlumi kuba ungumvelisi wokutya ngoku, usomashishini, nosomashishini wosungulo olutsha. Ulima iiitlobo ezintlanu ezahluka-hlkileyo zezityalo kwaye unecandelo lemfuyo, njengenxenyenye yomsebenzi wakhe wokufama.



UThamsanqa Sampie Booizene

UThamsanqa wazalwa efama kufuphi neOttosdal kwiPhondo laseMntla Ntshona apha uyise wayese-benza khona njengomsebenzi wasefama. Wayengazange waya esikolweni njengoko, kwakulindeleke ukuba abafana basebenze beselula njengabelusi beegusha futhi bancedise naphi apha kukho imfuneko khona ngokulondolo-zwa komhlambi.

Waqaliswa ngeshishini lakhe lokufama ngowe-1969. Uthe esasebenza, wabeka imali yokulima isiqwengana somhlaba, emva koko wathenga iibhokhwe ezimbalwa, iinkomo ezi-mbalwa waze ekuggibeleni wathenga itrektara. Emva koko uhlawule irenti yomhlaba othile odityanelweyo kwaze kwathi ngokukhula kweshishini lakhe ekuqhubeni kweminyaka lithe chu, wathenga ezinye iifama ezintathu. UThamsanqa ngomnye wabadala ecaweni iZion Christian Church futhi ukwayintsika phakathi koluntu lwakhe. Uyaziwa kakhulu ngabanye abalimi arhweba nabo. Xa kukho into abayifuna kuye, usoloko ekuthakazelela ukubanceda ukuze nabo banncede xa kukho into ayifunayo.



Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

46 Louw Wepener Street
1st Floor
Dan Pienaar
Bloemfontein
9301
► 08600 47246 ◀
► Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
► 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA

KWABAHLELI

Liana Stroebel
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
► 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLim

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
► 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

Jerry Mithombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
► 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Emelda Mogane

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
► 082 650 9315 ◀ dundee@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8069 ◀ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
► 083 730 9408 ◀ goshenfarming@gmail.com
► e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
► 082 877 6749 ◀ duitoit@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

Sinelizwi Fakade

Mihatha
► 071 519 4192 ◀ sinelizwifakade@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8077 ◀ Cwayita Mpotyi

Articles written by independent writers
are the views of the writer and not of Grain SA.

Dibana nabatyunjwa bethu bango-2018 bomLimi woNyaka (Icandelo 2)



UDavid Ramoledeli Mongoato

UDavid wazalwa ngomhla we-11 ngo-Okthobha ngowe-1970 eMatatile. Bobabini abazali bakhe babengaphaneli, ngoko ke ukufama kwakuyindlela eyodwa ababefumana ngayo ingeniso nokuya. Babelima ngeenkabi zenkomo behlwayela ngezandla. Umdla wakhe kwezolimo waphuhla eseyinkwenkwe encinane esebenza nabazali bakhe. Olu thando lwakhula ngakumbi xa wayesefundisa izifundo zolimo njengenxene yezi-fundo zesikolo. Yinyaniso ukuthi ukufama lubizo lwakhe.

Uqalise izifundo zakhe zoqeleshlo lokulima esafundisa waze waqesha indawana enci-

nane yomhlaba apho waqalisa ngezityalo ezisisiseko kunye nemfuyo engephi. Ku-nyaka emva komnye wakhula umsebenzi wakhe ehlanganisa oko akufumanayo Wade waqesha iFama iDonald Drift. UDavid waphucula umsebenzi wakhe, kungekho kwicala lezivuno kuphela, kodwa nangezixhobo kunye nempahla yexabiso ayisebenzisa ngoku. Isivuno sakhe siphucuka ngonyaka ngamnye. Wakhula ethe chu ukususela ekulimeni ngenjongo yokuziphilisa ukuya kumlimi orhweba kancinane ukusuka apho waba ngumlimi oselekewibanga eliphambili ongene kwiKlabhu yeeToni ezingama-250. Ukukhula kwenzeka kuthe chu kodwa ngokuqinisekileyo.

Abatyunjwa abalandelelani
ngokolandelelwaniso oluthile.

*Inqaku linikelwe nguLiana Stroebel,
uMquuzeleli wePhondo waseGrain SA,
eNishona Koloni. Ngeenkukacha ezithe vetshe,
thumela i-imeyile apha liana@grainsa.co.za.*



Pula Imvula's Quote of the Month

There are no secrets to success. It is the result of preparation, hard work, and learning from failure.

~ Colin Powell



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST